
UOlwethu noTsidi balungiselela ukutyelela umalume wabo uTsetsewa. UOlwethu ubhake izikonisi. UTsidi ufuna ukunxiba ilokhwe entle.







Uza kunxiba ntoni bethu?

Le lokhwe iluhlaza inomqukumbelo obomvu intle. Uyithanda kakhulu kwaye iyamfanela.

Oh hayi! Akayiboni ilokhwe yakhe eluhlaza enomqukumbelo obomvu.

Umama umnika enye ilokhwe eluhlaza. UTsidi ujonga phantsi equmbile. Akayithandi le lokhwe.





UOlwethu ujonga uTsidi emangalisekile.
Umnika isikeyiti esiluhlaza naso akasifuni.

Waguquka uTsidi waya kuvula iwodrophu. Wazitsalela phantsi zonke iimpahla.

Yho, ndizikhuphe zonke iimpahla ewodrophini.  Ilokhwe eluhlaza enomqukumbelo obomvu ayikho apha.





UOlwethu wangena wabona  iimpahla zithe saa phantsi.

Hayi bo Tsidi! Wenze ntoni ngoku? Zonke iimpahla uzigalele phantsi!

UTsidi waya kujonga kwityesi kaOlwethu. Ilokhwe ayikho. UMama waya kungena emotweni.  Ngelokuncama wathwala iizandla waphefumlela phezulu.





UTsidi uvula ibhaskithi yempahla emdaka.
Wenza ntoni bethu?

Usakhangela ilokhwe eluhlaza
enomqukumbelo obomvu.

Uphindele ewodrophini kwakhona Waqala waqokelela  iimpahla ezichola nganye nganye.

Heee! Nantsi ilokhwe yam, ayiseshwabene. Ndithini ngoku?”







UTsidi wathatha ilokhwe wayolula wayinxiba. Yayimfanela kakhulu. Wahamba ezidla esiya kuOlwethu

“Awusafaneleke kangaka,” uOlwethu watsho encoma. Waba noncumo olugoso uTsidi basondela emotweni kumama.

UMama uthi; bekufanelekile siwulinde lo umfaneleko!” Bahleka bonke bahamba besiya kwamalume uTsetsewa.

